# Ubomi obungaqhelekanga

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Nibona ntoni apha emfanekisweni?
2. Ziintoni ozaziyo ezihlala ehlathini?



EXTRACT PAGES

Abantwana besikolo bebanga lesithathu baphume esikolweni baya kwithala leencwadi. Eli thala lencwadi likufutshane nesikolo sabo. Baze kufunda amabali amnandi awonwabisayo.

Bazokwenza ntoni aba bantwana kwithala lencwadi?



EXTRACT PAGES

Umakhulu othile wazakhela indlu yakhe ehlathini wahlala khona apho. Le ndlu yakhe wayakha ngaphantsi kwemithi emikhulu yemiowukhi.  Wayakha ngeenkuni neziqobo awazifumana kwalapho ehlathini. Wayiqaba ngepeyinti eluhlaza ukuze ifane nemithi leyo iluhlaza. Yayingamhluphi into yokuba incinane kuba wayehlala yedwa.

Chaza ubuchule awayenabo lo makhulu.



EXTRACT PAGES

Njengoko wayehlala yedwa kwakunqabile nokubona abantu. Yayizizilwanyana zodwa ezazimxhaphakele. Wayengalambi kuba wayesitya iziqhamo zasendle nemifuno. Ixesha lakhe elininzi ube elichitha ekubukeni iintyatyambo zasendle. Wayezithanda kakhulu ethetha encokola nazo.



Ucinga ukuba wayengenabo abantwana nabazukulwana lo makhulu?



Kusasa xa esiva impepho etsho kamnandi uya egadini yakhe. Uphatha igaba asebenze ehlakula ngalo ukhula. Ubesikha imifuno abase iinkuni apheke eziko. Yiyo loo nto wayehlala esempilweni wayesitya imifuno neziqhamo.

EXTRACT PAGES


Ngoobani kanene abathanda ukukhuthaza abantu ukuba batye imifuno neziqhamo?



EXTRACT PAGES

Ngexesha lasebusika ebezidinga iinkuni zokubasa. Yena wayeqokelela iintsasa abase zona zisuke zikhawuleze ziphele. Ngenye imini kwafika utata othile obe ezihambela wabona olu sizi. Wayengumgawuli weenkuni owayesoloko ephethe izembe. Wazimisela ukumnceda lo makhulu.

Xa ucinga inokuba wayeza kumnceda ngantoni lo makhulu?



Okunene lo tata wamnceda umakhulu. Wamgawulela iinkuni ezininzi wazibeka kakuhle phandle. Ukusukela ngaloo mini akazange waphelelwa ziinkuni umakhulu. Utata lo waba nomdla wokuqonda ukuba kutheni ehlala apho nje umakhulu. Ulibalisile ibali lakhe lonke umakhulu ekhululekile.

Ukuba wawulapho wawuza kuba nomdla wokuphulaphula elo bali?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Yayimhlupha lo tata intlalo kamakhulu. Wayesoloko enexhala ngokhuseleko lwakhe. Ehlathini kungenzeka nantoni eyingozi kulo makhulu. Kwakusoloko kujikeleza oomvolufu kufutshane nalapho. Yinto leyo eyamenza lo tata abe noxanduva olukhulu ngempilo kamakhulu.

Yintoni eyayibangela ukuba lo tata azibone enoxanduva kwimpilo yalo makhulu?



EXTRACT PAGES

Kuthe kanti umakhulu wayenabo abantwana enaye nomzukulwana. Wafika uLelethu ezokubona umakhulu wakhe awamgqibela kudala. Wayemphathele izimuncumuncu kunye nempahla yokunxiba. Kube luvuyo apho umakhulu ebalisela umzukulwana wakhe ngobomi basehlathini.

Chaza ukuba kokuphi ukutya okuthiwa zizimuncu-muncu.



EXTRACT PAGES

Baqhubekile nencoko yabo umakhulu nomzukulwana. Kuthe kusenjalo kwafika laa tata ungumgawuli weenkuni. Uye wavuya kakhulu kukuthi kanti umakhulu ebenyanisile ukuthi wayenabo abantwana. Ibe mnandi incoko phakathi kwesi sithathu.

Ucinga ukuba umakhulu ngoku akanakutshintsha ingqondo afune ukumka ehlathini? Cacisa.



Mamela ke mzukulwana. Ndiyacinga ukuba uyafuna ukwazi ukuba kutheni ndihlala apha nje. Ndazalewa efama ngabazali bam abasele balandulela eli. Sakhula nabantakwethu noodade wethu siphangela efameni leyo sibhatalwa ngokutya imali singayinikwa. Bakubhubha abazali elowo wazibonela apho angaya khona. Mna ndagqiba ekubeni ndihlale apha efama ndingahambi.

EXTRACT PAGES


Xa uphangela efama ukutya okunikwa apho kuthiwa yintoni?



Ndabhujelwa ngabantwana bam ababini, umama wakho nomfana oza emva kwakhe. Ndabangcwabela apho efama. Ndasala mna ndingasenamandla okusebenza apho efama. Ndagxothwa ngumnikazi wefama ndalayishelwa impahla yam wandothula endleleni ebusuku kwanti. Ndabhekabheka andabona mntu. Ndagqiba ukuba ndize kuhlala apha kweli hlathi.

EXTRACT PAGES

Ucinga ukuba kuphi kwanti?



"Umama akazange wakwazi apho ukhoyo, naye sele waswelekа, ndisele ndedwa." Kwalilelwana apho bekulityelwe nokuba bekhe kwahlekwa. "Ugugile ngoku makhulu, nale ntlalo uyihleli apha ayincomeki, ndicela sigoduke siye apho ndihlala khona." Kuvunyelwene kakuhle kodwa kwakusasele umbuzo kumakhulu. Wayefuna ukwazi ukuba uNobubele uve ngabani apho ahlala khona.

EXTRACT PAGES

Shwankathela ukuba kwenzeke ntoni kumakhulu nakumzulwana wakhe?



UNobubele uthethe ebindekile wathi, "Umama wandibalisela ukuthi ukhona udade wabo owasala kuloo fama. Ebephelela nje apho angazi ukuthi ingaba kwenzeka ntoni ngobomi bakho. Wayesithi yavakala yona into yokugxothwa koonofama kuloo ndawo nanihlala kuyo. Wayengazi nto yimbi ukodlula oko.

EXTRACT PAGES

Kwakunokwenzeka ntoni kumakhulu ukuba onoofama bangazange bagxothwe kuloo ndawo awayehlala kuyo?



Kuvunyelwene kakuhle kodwa kwakusasele umbuzo kumakhulu. Wayefuna ukwazi ukuba uNobubele uve ngabani apho ahlala khona. Uthe yena wayeye evenkileni yePhuthukezi elihlala kufutshane apho ahlala khona. Wadibana notata othile olincoko. Wamxelela ngomakhulu angamaziyo ohlala ehlathini kufutshane nalapho yena ahlala khona. Wathi akamazi ukuba ngowaphi, into amenzela yona kukumgawulela iinkuni.

Ucinga ukuba umntu okuthiwa liPhuthukezi uvela kweliphi ilizwe?

EXTRACT PAGES



Kwamcacele kakuhle umakhulu ukuba lo mntu uxelwayo ngulo tata ungumgawuli weenkuni.  UNobubele waye wazimisela ukuba uza kukhe ayilandele le ndaba yalo makhulu wasehlathini. Kanti lo mntu ngumakhulu wakhe. Isimanga akasamazi xa embona okwesibini apha ehlathini kwamakhulu. Bahamba umakhulu nomzukulwana bephethe iibhegi bekhatshwa ngumgawuli weenkuni.

EXTRACT PAGES

Isiphelo sobomi bukamakhulu saba njani? Xhasa impendulo yakho.